## ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG
## UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI

**FEB / MAR 2006**

**ISIXHOSA ULWIMI LWENKOBE**
**UHLELO OLUPHAKAMILEYO**
**(Iphepha Lesibini)**

**IXESHA: 3 iiyure**

**AMANQAKU: 100**

---

**IMIYALELO:**

- Eli phepha linamacandelo amathathu **A**, **B**, **C**.
- KwiCandelo A umbuzo 1 **unyanzelekile**.
- Kwakulo iCandelo A umbuzo 2 kubuzwe imibuzo emine, phendula imibuzo ibe MIBINI kuphela.
- KwiCandelo B no C mibini imibuzo kwicandelo ngalinye. Phendula umbuzo ube MNYE kwicandelo ngalinye.
- Ukuba ngaba ukhethe ukuphendula umbuzo omde kwicandelo B, phendula umbuzo oneempendulo ezimfutshane kwicandelo C. Ukuba kwicandelo B ukhethe ukuphendula umbuzo oneempendulo ezimfutshane, phendula umbuzo omde kwicandelo C.
- Yonke imibuzo mayiphendulwe ngesiXhosa esamkelekileyo.

---

### ICANDELO A
### IMIHOBE

Lo mbuzo **unyanzelekile**.

### UMBUZO 1

Funda lo mhobe ungezantsi ngocoselelo uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISIDIMA**

Wa mntundini waseluhlangeni
Wena akungeze wanqwena na?
Ukuba nesidim' esiqaqambileyo
Esandulela amathamsanqa
Kuhle okukaPhezukomkhono
Esandulela intlakohlaza.

Athi amalandela akhe
Abe ziintyantyambo ezintle
Litsh' ilizwe linge litsha,
Kuba lihlaziyeke kutsha,
Ziintshintsho-ntshintsho ezintsha
Ezitsho lema ngokutsha.

Kuhle okwentomb' eza kutshata,
Enga ifak' esezulu,
Isivath' ukuba sihle
Esibuyoko-yoko bubuqaqawuli,
Itsho ibonakal' isahluka,
Kwikakade ibililo.

Kambe mntu ungenasimo uphoxekile,
Kuba isidima soze ubenaso
Sixel' iinkwenkwezi kuwe,
Ongasokuze uzithole.
Kanti xa unaso uphilile,
Ungenaso ungumlwelwe.

1.1 Ngokwalo mhobe yintoni kanene uPhezukomkhono? (1)

1.2 Ucinga ukuba kutheni imbongi ifanisa uPhezukomkhono nesidima? (2)

1.3 Khetha izifaniso zibe ZIBINI ozibonayo apha kulo mhobe. (2)

1.4 Chonga imigca emibini esifumana kuyo uchasaniso. (2)

1.5 Kwimigca 9 – 12 imbongi isebenzise sixhobo sini? (1)

1.6 Chaza eyona njongo yembongi yokusebenzisa esi safobe sikumbuzo 1.5. (1)

1.7 Sebenzisa igama lesiXhosa elamkelekileyo endaweni yelo linomgca ngaphantsi. (1)

**[10]**

## UMBUZO 2

***Aweselwa 3* – Kwetana W.M. (Umqokeleli)**

Khetha imibuzo EMIBINI kuphela.

2.1 Funda lo mbongo ungezantsi uze uphendule imibuzo eya kuwulandela:

Anisivanga n' esi sabhakranyane sesithonga?
Aniwuvanga na lo mhlol' utyhwatyhwisayo?
Ingaba ningabahambi kweli kusini na?
Ingaba ningabandwendwel' ekhay' apha kuyini na?
Nditsho ngesand' esindil' ezindlebeni zoluntu.
Ndithetha ngenyik' im' eshukumis' iChamama.
Axakek' amadoda, sabhenela koomama.
Bathi ntandazwe ungasilibali.

Lutyingo-tyingo lomth' ovelel' eminye –
Luthe phulul' okomth' okhalimel' umoya;
Luzwathi lwenen' olungenabuzwembezwembe;
Lugqoloda lugxanyaza lungavuki mnyele kambe.
Ndalatha kumcwangele wakwaZwedala,
Owazalw' exhuma ngezenzo zobudala.

Uphuma kwezo ntaba zaseNcorha –
Kuloo miwew' enkongolo ziingxondorha –
Indaw' esimang' ezaliswe ngamagorha.
Umhlol' onk' amaQwath' anoburharha.
Andiwashiyanga nalaw' aseThorha –
AmaXhos' athand' imbarha.
Kalok' awathandi kusarha.

Andinanteth' inzulu kakhulu –
Konke ndikubhekisa kOphezulu –
Olo sizi lokuthokomba koMgcawezulu.
Wabethw' idum' elinobunzulu
Elophil' emva kweentsuku ezimakhulu.
Intobeko eluntwini bubusulu –
Kanti uhlahl' indlela yezulu.

2.1.1 Sithini isihloko salo mbongo? (1)

2.1.2 Kumhlathi wokuqala imbongi isebenzise imibuzo – buciko. Chaza imisebenzi ibe MIBINI yemibuzo – buciko kumhobe / umbongo. (2)

2.1.3 Nika intsingiselo yesibizi esifumaneka kumgca – 8 (2)

2.1.4 Khetha isifaniso sibe SINYE osibonayo kulo mbongo. (1)

2.1.5 Kumhlathi wesibini imbongi isebenzise izikweko. Chonga zibe ZIBINI uzibhale phantsi. (2)

2.1.6 Chaza umfanekiso – ngqondweni esiwunikwa yimbongi ngalo mntu imbongayo ngokusebenzisa ezi zikweko zikumbuzo 2.1.5. (3)

2.1.7 Kumhlathi wesithathu sifumana imigca ephela ngezandi ezifanayo, sithini ukulubiza olu hlobo lwesixhobo esisetyenziswe yimbongi? (1)

2.1.8 Ithetha ukuthini imbongi xa isithi 'amaQwath' anoburharha'? (2)

2.1.9 Kuphi kanene embarheni? (1)

**[15]**

**OKANYE**

2.2 Hlalutya lo mhobe ungezantsi ngokuthi udandalazise zonke izafobe, izangotshe nezixhobo ezisetyenzisiweyo ukuphuhlisa intsingiselo yembongi. **[15]**

Sisifo sin' esi singalathwayo?
Kalok' onaso akaziwa mntu.
Umbulali wenen' ongaziwa mntu
Nguye low' ungcungcuthekisayo.
Aphel' umjongil' ang' uyasengwa;
Nqwa twatsa nenj' onomzananda;
Uchizeka vuth' okomsingizane.

Ukufa kwakhe kusentliziyweni.
Umonakalo wakh' usemphefumlweni.
Uding' izazi zokumxolisa,
Kwande iingcinga zokumlilisa.
Owamanz' umthomb' ujike waligazi.
Kunzima ukumnceda kub' akakhalazi.
Isizathw' asichazwa, nguye yen' isazi.

Le nt' inzim' ity' umniniyo yedwa.
Iviwa mntu mnye umniniyo yedwa.
Naw' awungeyiv' iimpawu zinqabile.
Wombuz' iingcinga atsho, a' kho nto.
Eyakh' ingxak' isithukuthezi.
Nakweleenkuni naw' awungeyithezi –
Ngokwenjenjal' uthath' elinenkume.
Umbilisi ngqond' otsh' umqamel' ufume.

**OKANYE**

2.3 Fundisisa lo mhobe ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo eya kulandela.

Luxolo lukwanendawo,
Inzond' ixin' indawo.
'Sitiya silinyw' iintlobo
Kummango wasekhohlo,
Kumndilili wezehlo.

Ayikho kuw' inceba.
Uyingoz' elele ncwaba.
Kokuhl' uyacumza,
Ulinganise naw' ukhuza,
Kant' imbangi ikwanguwe.
Zonk' iintlobo zivela kuwe.

Namhl' uvez' awezadunge,
Okuhle bube njengobudenge.
Uyalinga ngenyaniso;
Uyakholwa lukhohliso.
Ukhwebel' elwagcibeni.
Wombel' emihadini.

Ungumdlung' onamakhasi,
Ube ngumbel' otsit' ubisi.
Iph' eyakhw' inyaniso?
Macal' ukwanenkxaso.
Ncutsheni na le yendadi,
Evakala njengesandi?

2.3.1 Sithini isihloko salo mhobe? (1)

2.3.2 Kwimigca emibini yokuqala imbongi isebenzise uphinda-phindo lwegama, yintoni injongo yoko? Nika izizathu zibe ZIBINI. (2)

2.3.3 Ithini intsingiselo yembongi phaya kumgca – 3? (2)

2.3.4 Chonga izikweko zibe ZITHATHU ozibonayo apha kulo mhobe. (3)

2.3.5 Kumgca – 12 imbongi ithelekisa intliziyo nantoni kanye le ifumaneka ezadungeni? (2)

2.3.6 Imibuzo-buciko siyifumana kweyiphi imigca? (2)

2.3.7 Sesiphi isafobe esisetyenziswe yimbongi kwimigca 18 nowe 19? (1)

2.3.8 Imbongi inaziphi iinjongo zokusebenzisa esi safobe sikumbuzo 2.3.7? (2)
**[15]**

**OKANYE**

2.4 Funda ngocoselelo lo mhobe ungezantsi ukuze uphendule imibuzo eya kulandela:

Ziintsontelw' eziphothwe ngongcungcutheko,
Zixikixa ngoxhalabo nonxunguphalo.
Lunkwanty' oluphehluzelis' ingqondo –
Uband' umchachazo kwisisw' esixuxuzelayo.
Ilanga yingqatsin' ingxak' uyaxhaxha.
Lutyan' oluntshulayo kuxinzelelo lwesaqhwithi.

Lukham' ilithe kumqal' uthi khothe!
Sisithukuthezi kanen' esiswel' umkhethe.
Luxhaxh' oluxhaxhis' umxhelo.
Buncwane bumkile buza nencind' ekhala.
Lutyhulub' olugqubayo luthibaz' utyhafo.
Ngumphefumlo ke low' oswel' ulonwabo.

Isandi soval' oluxhanyulwa yintliziyo –
'Ntliziyo ligazi, ingcaml' udandatheko.
Uvuyo lwakhwelela luzilel' unxunguphalo.
Lufuziselo locweth' ugrenyo lomvandedwa.
Isikhalo sosizi sivakal' enkontyweni.
Konke lundwendwelo lwal' unxunguphalo.

Amaxhal' eli lizwe lasehlabathini,
Isizungu namashwa lundwendw' emzimbeni.
Wakuluthatha lon' olu khwekhwe lwexhwili
Ufumen' ugcumo lwentswelo-nyamezelo.
Hazi koba yini na kanene mhla ngomgwebo?
Loyik' unolwamvila luviwa naziimveku.
Abazi noosiyaz' indlela yokunceda.
Lwakufika yingxaki njengomxhentso.
Luvakal' ezantsi kwiinzulu zezintso.

2.4.1 Chonga imigca eMITHATHU esithi sifumane kuyo uchasaniso. (3)

2.4.2 Sesiphi isixhobo esisetyenziswe yimbongi kwimigca 2 nowe 9? (1)

2.4.3 Imbongi izama ukusiphuhlisela ntoni ngokusebenzisa esi sixhobo sikumbuzo 2.4.2? (2)

2.4.4 Sithini isihloko salo mhobe? (1)

2.4.5 Chaza intsingiselo yembongi esiyifumana phaya kumgca- 14. (3)

2.4.6 Nguwuphi umgca esifumana kuwo umbuzo-buciko? (1)

2.4.7 Xela udidi lwesafobe esifumaneka kumgca – 16. (1)

2.4.8 Beka ngawakho amazwi okuqulethwe phaya kumgca – 24. (2)

2.4.9 Kuphi enkontyweni? (Umgca – 17) (1)

**[15]**

**[30]**

**AMANQAKU ECANDELO A: [40]**

ICANDELO B
**UMDLALO WEQONGA**

Ukuba ngaba ukhetha umbuzo **omde** kweli candelo **unyanzelekile** ukuba ukhethe umbuzo oneempendulo **ezimfutshane** kwicandelo C. Ukuba ngaba ukhetha umbuzo oneempendulo **ezimfutshane** kweli candelo **unyanzelekile** ukuba ukhethe umbuzo **omde** kwicandelo C.

**UMBUZO 3**

***Izonzobila* – B.B.Mkonto**

3.1 Funda esi sicatshulwa wandule uphendule imibuzo elandelayo.

> "Khawume Dlomo khe ndikulungise kule mpazamo uyenzayo:
> Ilifa namalungelo akwaDlomo akananto yakwenza noBhongo,
> akangoDlomo laa mntwana, isiko ngathi akulazi: nguQadi lowa
> uphelele. . . ."

3.1.1 Ngqiyama ngala mazwi kaNomafa umxhase okanye umgxeke xa usityhilela ngalo mcimbi uphathelele kobu buDlomo nobu buQadi bukaBhongo. (10)

3.1.2 Bonisa ukrutha-kruthano oluthe lwenzeka kulo mdlalo ngenxa yobunzulu balo mcimbi. (20)
**[30]**

**OKANYE**

3.2 Funda ezi zicatshulwa wandule uphendule imibuzo elandelayo:

**Isicatshulwa A:**

> *Mpahla:* Hayi Qadi mfondini, ndiyaninqanda, musa ukuthyudisa
> okwenkunz' enkomo. Elam kulo mcimbi katitshala lithi masamkele
> leyo igqityiweyo ngamaNtlane. Usincedile Sihlalo, Bawo uTsontso
> kuba lo mcimbi besendibona ukuba ungxamele ukusiyilozisa.
> Kaloku indumasi kaMfundisi iqala ixhanyulwe yimilowo kwanezi-
> zalwane zakhe, sandule ke thina ukulandela. Ndiyakuxhasa.
> Masixoxeleni phezu kwalo msebenzi usemaXhoseni thina: sibonisane
> ngezinto zokuhamba njalo-njalo. <u>Xa kunje kufanelekile ukuba sikhu-
> mbuzane ngeenkaba zethu</u>: asizalelwanga apha, singakhulelanga apha
> kananjalo. Ngeso sizathu nam ndithi ukulo uTitshala. Andazi ke
> ukuba ithini na intlanganiso.

3.2.1 Kanene lo mfo wakwaQadi ngubani igama lakhe? (1)

3.2.2 NguQadi nabani aba banqandwa nguMpahla? (1)

3.2.3 Ubanqanda xa besenza ntoni? (1)

3.2.4 Nika igama lomnakwabo Mfundisi. (1)

Tyhila

3.2.5 Kuthiwa siyintoni sona isigqibo samaNtlane? (2)

3.2.6 Iqhutyelwa phi yona le ntlanganiso? (1)

3.2.7 Ngumsebenzi wantoni lo uza kuqhutyelwa emaXhoseni? (1)

3.2.8 Cacisa intsingiselo yesivakalisi esinomgca ngaphantsi. (2)

**Isicatshulwa B:**

> *MamJwarha:* Ngenene *Maam*. Laa mfundisi uhlabe ekhangele kuba akukho bantu banokusimela ngokufanelekileyo kweliya lizwe laseMelika. Kaloku *Maam* uninzi lwabantu bale lokishi lunoseven emva kwendlebe, ukuqalela kuSihlalo weBhunga phezulu ukuya kutsho *koonozipiriti* emaholweni nakulaa mahodi ahlala ehlathini. Laa ndawo ifanele iingcungcu neepikoko ezifana nani eziza kuthi xa kuvuthuza umoya ziqhoboshe lula ngamaqhosha eebhatyi zazo. Andithi *Maam*?

3.2.9 Uthetha nabani uMamJwarha apha? (1)

3.2.10 Iqhubeka phi le ncoko yabo? (1)

3.2.11 Xela igama lalo mfundisi bathetha ngaye. (1)

3.2.12 Uthetha ukuthini uMamJwarha xa esithi “La mfundisi uhlabe ekhangele?” (2)

3.2.13 Umntu ono*seven* emva kwendlebe ngumntu onjani? (1)

3.2.14 Ngubani igama likaSihlalo weBhunga? (1)

3.2.15 Ngokubhekiselele kwesi sicatshulwa ngoobani aba bantu kuthiwa baziingcungcu neepikoko? (2)

3.2.16 Yintoni ebangela uMamJwarha ababize ngeengcungcu neepikoko? (2)

3.2.17 Aba bantu babeza kuya eMelika babeza kuya kwenza ntoni kanye? (2)

3.2.18 Kutheni uMamJwarha esithi *Maam* kulo mntu athetha naye? (1)

3.2.19 Uqhubeka phi lo mdlalo? Nika igama ledolophu nelokishi. (2)

3.2.20 Khawusicacisele ngezi ndidi zabantu ajolise kuzo uMamJwarha:

A. Oonozipiriti. (2)
B. Amahodi ehlathini. (2)
**[30]**

**AMANQAKU ECANDELO B: [30]**

ICANDELO C
**INOVELI**

Ukuba ngaba ukhethe umbuzo **omde** kwicandelo B, **unyanzelekile** ukuba uthathe umbuzo oneempendulo **ezimfutshane** kweli. Ukuba ngaba ukhethe umbuzo oneempendulo **ezimfutshane** kwicandelo B, uza kunyanzeleka ukhethe umbuzo **omde** kweli.

**UMBUZO 4**

Phendula umbuzo ube MNYE kweli candelo.

***Etshatile Engatshatanga* – S.C. Satyo**

4.1 "Wayefungile yena ukuba akazikuzixhamla ngayo nayiphi na enye indoda. Inye indoda awayezabele yona yayinguSimeli, etshatile engatshatanga."

Ngqiyama ngesi sicatshulwa singasentla ubonise ukuba sizalana njani na nomxholo weli bali? **[30]**

**OKANYE**

4.2 Funda ezi zicatshulwa zingezantsi uze uphendule imibuzo eya kuthi ilandele:

**Isicatshulwa A:**

> Zimfikele kakhulu neengcinga zokuba wobonwa njani liqela asebenza nalo. Wee khinkxi. Zimfikele kunene neengcinga zokuba kazi uya kuba nakho na ukumelana nezinto eziza kuthandwa ngumntwana osemtsha. Umntwana wasedolophini lo gama yena selethe qabavu, abe wayekhulele emakhaya, abe kananjalo ethe ngenxa yomsebenzi wakhe kwafuneka eziphethe okomntu omdala kunobudala bakhe. Ilamle kobo buthuba yona indalo ingamelwanga ngumtshini nje. Andimazi ukuba umfana ude walala nini na. Yucu.

4.2.1 Ngubani na lo kubaliswa ngaye apha? (1)

4.2.2 Babesenza msebenzi mni neqela lakhe? (1)

4.2.3 Wawuqhutyelwa phi lo msebenzi wabo. Xela igama ledolophu nendawo. (2)

4.2.4 Nika igama lalo mntwana usemtsha noxine iingcinga zalo mntu kubaliswa ngaye apha kwesi sicatshulwa. (1)

4.2.5 Liphi ikhaya lalo mntwana usemtsha. Nika igama ledolophu nelokishi. (2)

4.2.6 Sesiphi esi sikhundla esanyanzelisa ukuba lo mntu kubaliswa ngaye apha aziphathe okomntu omdala kakhulu kuneminyaka yakhe? (1)

4.2.7 Wayephi lo mntu ngelixa afikelwa zezi ngcinga? (1)

4.2.8 Lo mntwana kuthiwa usemtsha wayeminyaka mingaphi? (1)

**Isicatshulwa B:**

> Iduna liye laphatheka kakubi mpela kuba belingazazi ukuba litheni na kanye kanye ngoku beliphupha. Umfazi yena uye wagculela esenza ngathi zonke ezi zinto ebezikhanyela uzingqine zonke esebuthongweni. Liye lazifumana liyintlama nendindi iduna, Lingazazi ukuba maliqhube luhlobo luni na kule meko likuyo. Yayifika nengqondo ethi malingqine ezi zinto kuthiwa lizithethile liphupha. Lalibuye loyike kuba hleze kuthi kanti alizithethanga, libe ngoku lizifaka engxakini yokuvuma izinto ebelizikhanyele kwaphela.

4.2.9 Ngubani na eli duna kuthethwa ngalo apha? (1)

4.2.10 Ingubani inkosikazi yalo? (1)

4.2.11 Zinto zini ezi bezikhanyelwa liduna eli? (2)

4.2.12 Ngaba ngenene lalizithethile ezi zinto lityholwa ngazo? Xhasa impendulo yakho ngokucaphula kwiziganeko zeli bali. (3)

4.2.13 Yithi gqaba-gqaba ngesiganeko besikhe senzeka kweli khaya phambi kokuba kulalwe. (3)

**Isicatshulwa C:**

> "Khawuphinde, andikuva, uthi akukhathali nokuba uyizuze njani na. Uza kuthini uza kurentisa . . .?"
> "Simeli, kukuthini ukurentisa . . .?"
> "Kukuthini ke?"
> "Ndibuza kuwe nguwe oqale into yerente."
> "Inokuba akurentisi ke ..." Utsho uSimeli.
> "Jonga wethu ukuba udiniwe ndim uncede ungene endleleni ujonge emzini wakho. Mhlawumbe uyaziqonda ngoku ukuba unomtshato ongcwele. . ."
> "Ewe, ndiza kukushiya ungcwele urentisa. Mhlawumbi uza kutsho uthobe namaxabiso.... (atsho ahleke agculele uSimeli.)"

4.2.14 Uthetha nabani uSimeli apha? (1)

4.2.15 Iqhubeka phi le ngxoxo yabo? (1)

4.2.16 Uthetha ukuthini uSimeli xa esithi uwabo lo uyarentisa? (2)

4.2.17 Yintoni ebangela athi kuYoliswa uyarentisa? (3)

